IMVO ZABANTSUNDU

IPEPA LAMAXOSA LEVEKI ZONKE.

(NATIVE OPINION).

LIHLAULELWA 3s. NGANYANGA NTATU.

IXABISO 3d.] KING WILLIAM'S TOWN, NGOMVULO, FEBRUARY 23, 1885. [No. 17.

IRAFU ENTSHA EBIZWAYO YONYAKA WE 1885.

NGOKU-KWENJENJE kuyaziswa ngo Mteto we 10, wo 1864 no Mteto we 9 we 1858,—Ukuba, kwintlanganiso yama Cebo wase Qonce, eyabingo February 13, 1885,

IRAFU YENDLELA yonyaka we 1885, exabiso likwi (1/2) hala-fu yepeni epontini, lamiselwa ukuba lihlaulwe pezu kwayo yo- nke Impahla enokurafelwa kwesi Sitili.

Le Rafu iyakufeza lamatuba :—Indlela ezinkulu (1/8d.) esesibozo isiqingata sepeni; Indlela-ndlela ezipakati kwesi Qi-1 ngata (1/4d). Ifalintyi enye; Ukuquba umsebenzi wesi Qingata esesibozo isiqingata sepeni. Lemali ke iqala ukubizwa, kuyakulindelwa ihlaulwe kanjako, kwi Ofisi yama Gqugula esi Qingata

NGO 24 KA MARCH, 1885.

Ngomyalelo,

H. T. FULLER, Umbali-Micimbi.

E-Ofisini ye Gqugula, E-Qonce, February 17, 1885.

Isiqendu sa 40 so Mteto we 9, wo 1858 siti: Xa lite i-Gqugula lesi Qingata labika epepeni lakomkulu *(Government Gazette)* umhla eti imali emiselwe ngokomteto ukuba ihlaulwe ngawo, yimfanelo yabo bonke abantu abamelwe behlaule, ukuba bayihlaule imali leyo kosakuba emiselwe ukuyamnkela, ngomhla, mhlaimbi ngapambili komlila, ekumiselwe ihlaulwe ngawo, hleze babe zicenge zokunyanzelwa ngomteto ukuba kufunyanwe imali leyo.

H. T. FULLER

SITUATIONS.
Vacant and Wanted.

THE "IMVO" having an exceptionally large weekly increasing circulation for a New Paper throughout the Colony and the adjacent Territories, is the best means of advertising for Native Servants with recom-mendations.

Terms—Three insertions, 5s. cash, for parti s advertising Vacant Situations.

IZICAKA EZIFUNWAYO.

KUFUNWA

KWAKAMSINYANE IS1CAKA SASE-NDLWINI, esinganxiliyo esitembe- kileyo nesi lungileyo. Umvuzo ngofaneleki- leyo. Sotya silale kwakulondlu. Oyifunayo indawo leyo makasingise ku

R. MALCHER, Albert Road,
E-Qonce.

NDIPENI UMKONDO!

INKABI EMFUSA inebala elimhlope este- ndeni somlenze wase kohlo; inebala elimhlope emhlana elikutukileyo—indawo angati olibonayo lalike lanesilonda kudala. Iqala ukupuma amabamba.

ITOKAZI ELIBOMVU elingenabala izihlatana zifutshane itshoba likwalifutshane.

JOHN BALI.
Fort White, Debe Nek,
December 27, 1884.

ISAZISO ESONA

Kutengiswa ngoku ngamanani apantsi natotyiweyo—

Into eninzi kunene yencawa ezifanele abantu basesikolweni, kwanezimigca ngaminye nangamibini ezilungele amaqaba.

Kusand' ukufika kananjalo impahla yetu entsha evela e-Amelika amakuba amashumi asixenxe ana- ntlanu awona ohlobo aye enokufunyanwa ngamanani abulula bungazanga babako.

Kufike nesukila emhlope nebomvu evela e Natala amanani azo atotywa nangapezu kokwalenyanga ifileyo.

Kufike namakulu omabini etauli ezidla Idobilityi zone nebalafu inye, oko kukuti zintatu ngesheleni.

Intlobontlobo zengubo zamadoda nezamakwenkwe.

W. O. CARTER & CO.,
Maclean Square,
E-QONCE .

W. J. DEALY,
Umtumeli wempahla kwindawo ngendawo, noncedisa, abafuna ukutenga nokutengisa, *e-Town Hall, Kwisitora esinga pantsi ese- sitatu, No.* 3, *Kivinkundla ye marike,*
E-QONCE.

Uhlala aba nento eninzi yombona, na Ma- zimba, ne Tapile, ne Bran, ne Kalika, njalo njalo, ayitengisa tshipu.

Amaxabiso alungileyo uyawanika ngento ezinjengokutya.

Impahla zamkelwa nguye azitumele kuma. calana onke e.Koloni.

KULAHLEKE

ENGQAMAKWE ngo 19 November, 1884, ihashe elimtuqwa. Olifumeneyo, u-mhlaumbi, ovakalise umkondo ongabanga ukuba lifunyanwe wozuza umvuzo ofanelekileyo.

WILLIAM F. BASSI.
St. Edmund's, Hebehebe,
21 January, 1885.

Wonke **umntu** ontsundu ose Jagersfontein makaye kubona u

Mitchell no Greenlees.

Ibulukwe ze 10/-; Ibatyi ze 12/6; Izi-blangu ze 12/6 ; Iblankete ze 10/; Iminqwazi ye 5/.

Iswekile, nekofu, ne Cuba, zonke ezizinto zilungile zi tshipu.

Eyona mpahla ininzi e Jagersfontein.

U-M. no G. bayitenga Engilane nase Skotilan eyabo impahla. Yonke impahla yabo inyulwa ngenyameko ngabahlobo babo aba " se kaya " kwindawo ezingedulu, amaxabiso abizwa ngabo alunge nangangawapina anokufunyanwa apa e South Afrika.

Akunaku fumana nto igqite eyabo ngokulunga ngexabiso olirolayo.

KWABAFUMANA "IMVO."

ABABEHLAULELE inyanga ezintatu zokuqala kupela eza- pela ngo 31 January, 1885, bengekazihlauleli ezintatu eziqala ngo February lo mabaqonde kakuhle ukuba aya kunqu- nyanyiswa amapepa abo bade bawakulule ngentlaulo.

Umntu unokuhlaulela ixesha **elingapezu** kwelenyanga ezintatu kodwa angahlauleli ngapantsi kwelo.

J. TENGO-JABAVU.

February, 1885.

M. L. GERRARD,
Umteteleli kwi Ofisi yemantyi e Komani.

Uteta arnatyala kwi ofisi ye mantyi. Iminqopiso yokwananwa kwemihlaba uya- yifeza kwaneye mvumelano.

Ulungiselela abo baqondayo ukuba abanakuwahlaula arnatyala abo ngokubala ama- pepa abonisa oko.

Abanemali ebanjwa ngabangena kuhlaula amatyala ivakaliswa nguye into leyo ematya- leni. Iminqopiso yamafa uyayibala, kwane- zinye into zase mtetweni. Uhlanganisa izi- kweliti, ayinike uminiyo imali kwa oko. Incwadi zabasebenzi usigcina kakuhle.

J. HILNER,
Umenzi wentsimbi zamaxesha,
E-QONCE.

Nomtengisi wempahla ezinjengemisesane njalo njalo.

Unentlobo ntlobo zemisesane, iwotshi, Nentsimbi ezinkulu zamaxesha, nentwane ezintle Zokinika atnabaso ngamaesha atile

Paula oku!

JOHN CHARLTON,
Umlungisi wemicimbi yentlobo zonke, Enjengeyomhlaba, Nomteto, Namafa,
e-Dikeni, nase Xesi (Kwa-Kama) nakwa Qoboqobo.

Lomsebenzi wauqala ngo 1878.

UYAZIWA. AKUFUNEKI KUZINCOMA

Amafa, Ingqeshiso, Iminqopiso nokwananwa kwezi qiniselo zomhlaba—yonke lemicimbi yenziwa ngokukauleza.

Utetelela ematyaleni, aquke nemali engamatyaia.

ANDREW GONTSHI,
Umteteleli ematyaleni,
T R AN S K E I.
I. Ofisi—e-NGQAMAKWE.

R. W. ROSE-INNES,
Umteteleli-Ematyalani,
Umqinisi,
WEMVUMELANO,
Umanani Weziqiniselo.

LONKE UNYAMEKO uyalunikele ekute. teni arnatyala abamnyama nakweminye, imicitnbi yabamnyama—ofuna umhlaba uno. kufunelwa, ofuna kujikwe igama lesiqini- selo somhlaba unokwenzelwa. Lemise benzi uyifeza.kwesi siqingata nakwezimelene naso.

U Abraham K. MALO,
Umteteleli ema-Tyaleni,
KWA-QOBOQOBO.

Iveki.

EKUTSHENI kwendlu e-Bultfontein, e-Da- yimani, ngolwesi-Bini 10 February, kutshe belele abantu ababini, unyana nonina.

UDABA lokuba kuko amanz' abomvu ezi- nkomeni kwa Wezo ngase Bofolo, kufuma- neka ukuba alunyaniso.

MAKUBE kuko ama Bulu elilizwe anyuka ngamatunzi ukuya kwela Barolong ukuya kunceda owabo abakwelo, kuba nge-engatsho ku Mr. Upington u-General Warren ukuti gcina inja zako ukuba zingayi kunceda aba- pangi bomhlaba wabamnyama.

KUTIWA ayapitizela ama Bulu ase Trans- vaal ngenxa yokuba ela Barolong lizakupa- twa ngamadoda ezirweqe, kusitiwa kwakona u-Nityalike (Niekerk ubanjiwe.

KWELA Barolong imikosi ikumbule pezulu. — Induluke e-Taungs ngolwesi-Ne, ikumbule pambili e-Freyberera (Vryburg).

U-RULUMENI ugqibe kwelokuba ukuhanji- swa kwemicimbi yo Cingo neye Posi kube sesandleni somnt' omnye. Okwangoku ngo- bengumpatiswa we Posi oyipete yombini, kupume u-Mr. Sivewright. Oku kumanywa kwalamasebe mabioi kuqale ngo 16 Feb.

KWEZIVEKI zidlulileyo u-Mr. Austen inku- lu yomzi wase Du Toit's Pan, e-Dayimani, ubetwe ngesabo/cwe ngu Mr. R. D. Cumming. Udushe luqale entlanganisweni yemicimbi yomzi. Ate ipuma waselekumbula kwinku- lu (Mayor) yomzi u.Austen ngesabokwe. Oku kwenzeke emini emaqanda kuko iqela labantu.

ABAPATI bemicimbi yomzi wase Bofolo bagqibe kwelokuba bamse ematyaleni wonke ofunyanwa equba, mhlaimbi ehlamba ingu. bo ngasentla kwe hospital yalomzi.

IMVULA enobonyana ine e-Cradook nase Skapu nakwizitili ezingakwa Komani ngo- lwesi-Tatu lweveki engapaya kwedluleyo.

ULOLIWE uyakuvulwa e-Bekesdorp (Burghersdorp) ngolwesi-Ne, 19 March ozayo. Kulungiselelwa ukuba olosuku lube lolwe- migcobo.

INGQAKAQA ibuye yazibonakalisa e-Alvani. Ifunyanwa ngu Dr. Impey e-plasini abati yi Folfanteni (Vogelfontein) ngase Jamestown. U-Mxosa onayo uvela kumandla wase Beke- sdorp. Imigudu iyenziwa ukuba isifo singa- ndi.

UMKOMBE osand' ukufika uvela e-England, uza nodaba lokuba isebe lomkosi opetwe ngu General Lord Wolseley, elonganyelwe ngu General Sir Herbert Stewart lilwe nama Arab amawaka alishumi e-Abuklear Wells. Ama-Arab awasala etafeni efile abakwi 800, kuko nenkita engxweleriweyo. Woyisa u- Sir H. Stewart.

KUVAKALA ukuba ama Bulu ase Bekesdorp nawase Alvani ayitenga yonke imipu nepis- toli ezinokufunyanwa kwindawo ezingi- swa kuzo. Kuzindlelwa ngabanye uku- ba esisenzo sibangwa kukuba ama Bulu ezi- misele ukukulula i-Bulu elingu Pelser xa ligwetyiwe ngokubulala u-Mxosa.

E-MARKENI yase Bayi kuleveki idluleyo ibotolo ibihamba kwi 3/ ne 3/6 ngeponti.

IMVULA inile e-Kanibo.

IDILIYA ibifunyaniswa ngamanani alula e- Bayi ngeveki edluleyo ngenxa yobuninzi ; ihamba entle kwi lfd. ngeponti.

AMAFAMA amhlope akwa Daliwe enze ko- nke anako ukubonisa ku Rulumeni imfanelo yokuba asuswe u-Mr. Osler imantyi, ngenxa yokuba esiti utanda abantu abamnyama.

AMABANDLA omkosi wosindiso (Salvation Army) aqeshe indlu e-Monti nge £5 nge- nyanga. U-Captain May ukangele ukufika kweqela lalomkosi msinyane.

UMBANJWA abati ngu Ohlsen owayepume entolongweni ngecebo ledindala legwangqa elingumhlobo walo, ubanjwe e-Dayimani wa- buyiselwa kwase Monti apo unikwe unyaka ngenxa yokuzimela.

NGENXA yokupapama kwamapolisa apetwe ngu Lieut. Stewart kutiwa ubusela buncipe kakulu e-Burghersdorp.

LINCONYWA ukubalela e-Colesberg. Mu tu umsebenzi.

IMVULA ezimnandi ziwe kwelasema Mpo- ndweni u-Mzimvubu uzele ngokukulu.

UDABA lokuba kuko ohliwe yingqakaqa kwa Buluneli alunyaniso. U-Dr. Chute omxilongileyo lowo uberanelwa ugqibe kwe lokuba intombazana leyo inerashalala.

KUNCONYWA ukufa kwamahashe kwimi- mandla yase Qumra. nase Gqunube. Esosifo afa siso asicace kakuhle.

IMVULA ezinkulu ziwe ngo Mvulo eKapa nakwezi zitili : e.Rafu, Victoria West, Rich- mond, Robertson, Carnarvon, Beaufort West, Murraysburg, Prince Albert, Fraserburg.

U-NIEKERK obemana ukuvakala malunga ne micimbi yela Barolong njengendoda epambili yase Stellaland ubanjiwe ngomyolelo ka Sir. C. Warren. Ityala lake kutiwa wapemba ukuba u-Housy abulawe, kwano Rey uyafu- neka kodwa ubalekele e.Transvaal. I- General itumele kulawulo Iwase Transvaal ukuba lumbambe lumtumele.

IMVULA zine kakulu e-Vryburg kwela Baborong

INTO enkulu yesipango idlule e-Mhlanga ngo Mgqibelo (7 Feb.) yabeta kwavuleka amadam. Akuko lahleko ngapava koku- mnka kwegusha ezilishumi linantutu.

UNTAMNANI abati ngu Mango wase Dor- drecht, usand' ukwenza into engumangaliso. Ufumene inkomo ezintandatu, nehashe impa- hla ebibiwe kumfo abati ngu Hendrick wase Hoptoni (Hope Town), amasela uwafumana kwesika Ndabeni, Engcobo.

ISANDLA esitsha se mantyi yase Dodoloro ngu Mr. T. T. C. Purland, apo ebekona nga- pambili kuse Mossel Bavi.

E-BARKLY EAST kwakiwa ivenkile enkulu yo Messrs. Baker, King & Co.

U-MR. DE WET, Umpatiswa Micimbi Ya- bantsundu ubeke wahambela e-Somerset ngaleveki idluleyo. Ubesagoduke ngenxa yemicimbi yomzi wale.

IHABILE e-Somerset kuleveki idluleyo ibi- hamba kwi sheleni zontandatu ngekulu.

NGAYO leveki idluleyo ihabile ihambe emarkeni yase Nyara kwi 18/ ne 21/ ngezi- tungu ezilikulu. Emayibe ikwi 5/ ngekulu lobunzima.

IJAJI ezakujikeleza ngesisiqingata sonya- ka ngu Sir Jacob Barry, Kt.

ELINYE ikulu lamadoda lindulnke e-Ko- mani lisinga kwaloliwe ngase Bekesdorp no Mr. Hadnott- Umvuzo ukwi 2/ ne 3/ nge- mini.

ISIPANGO esikulu siwe e-Bolotwa ngolwesi- Tatu 11 Feb, sabeta ilizwe lalidam elinye. Sitshabalalise ityalike yase Tshatshi ebisa- nd' ukwakiwa. U-Rev. F. C. Patten ufuna uncedo.

LISHUMI linantandatu abantu abanengqa- kaqa e-Berlin ngoku.

KUTIWA kusafunwa amakulu amatatu ama- doda okuya kumba uloliwe.

EYONA Dayimani inkulu isand' ukufunya- nwa ngu Mr. Turabian e-Du Toit's Pan; ubunzima bukwi 352 1/2 carats.

NGO Mgqibelo ongapaya kodlulileyo u-Mr. E. P. Schermbrucker wenze isikora esikwi 134 eboleni kungeko tuba lilodwa alinikiwe- yo.

SIVA ukuba e-Dayimani ontamnani boku- bamba abatengi bamatye anqabileyo ngapa- ndle kwelungelo, bapume ngamini nye kuba usuke umvuzo wabo watotyelwa kwi £4 nge. veki.

INDAWO apa ebiyingqili yabapangi bomhla- ba ka Montsiwa kutiwa yi Rooi Grond, kuti- wa ilubala ngoku, abantu abebekuyo basa- bile.

I-PALAMENTE ya Pesheya iqale ukuquba umsebenzi wayo ngo 19 February ngaleveki idlulileyo.

UDABA lokuba u-Hon. C. J. Rhodes upumi- le ekubeni ngu Mpati-Micimbi yela Barolong luyakanyezwa. Eyona nyaniso yeyokuba usayipete indawo yake e-Freyiberera (Vry- burg).

KEKWATIWA Amangesi akwimisebenzi epa- telele kuloliwe alungiselela ukuwuyeka umsebenzi, ngenxa yokuba imali yawo itotyiwe. Into leyo ibuye yapikiswa ngu Mr. Schermbrucker.

UMONGAMELI we Transvaal, u-Mr. Kruger, ufike e-Pretoria kwelakowabo ngolwesi-Bini, 17 Feb., evela kuhlangana no Sir. C. Warren kwela Barolong.

NGO 17 Feb., ifama engu De Villiers ipa- ngwe £580 endleleni evela e-Dayimani, ku- fupi ne Kimberley. Awukafunyanwa umko- ndo wabapangi. U-De Villiers ubeye kute- ngisa ngempahla apo e-Dayimani.

NGENXA yemvula ezinkulu i-Cacadu (Lady Frere), indawo ebelibalele ngokoyikisayi ngeziveki zisand' ukudlula, inconywa ubulu- hlaza.

KWINKUNDLA yamatyala yase Bayi ingwe- vu yegwangqa egama lingu Bushnell, udliwe 10/ ngokusuka abete intombi yake ngefisa. Umangalelwe yintombi- Uhlaula kuba kusitiwa intombi leyo seyigqitile exabisweni lokubetwa nguyise, kuba seyiminyaka ima- shumi mabini anane.

INCIPE kunene ingqakaqa ngoku e-Coles- berg.

U-MRS. WALTON no Miss G. Walton no Mrs. Solomon (oyintombi ka Rev. J. Walton) basuke e-Rini nge Cawa edluliieyo besinga e-England. U-Rev. J. Walton usakuke agqi- be unyaka yena kwelilizwe.

AMAPEPA ase Kapa abika ukububa (ngo 11 Feb.,) kuka Hon. W. F. Duckitt, M.L.C., obemele kwindlu enkulu ye Palamente izitili ezingase ntshona-langa.

INDAWO evuleke ngokububa kuka Mr. Duckitt e- Palamente siva ukuba seyidyare- lwa ngo Mr. J. Duckitt, no Mr. J. C. Hof- myer wase Kapa.

INDLALA KWABANTSUNDU.

OKOKUBA amafama, nakuma- fama awangase Mtonjeni (Kei Road), abe atatyatwe kangaka yindawo yokubandezeleka kwaba ntsundu balapa e Koloni ngenxa yokukubalela nalengcinezelo ikoyo; nokokuba kananjalo abe ade enza isigqibo sokokuba amalatise u Rulu- mente esisihlo sihlileyo—yinto leyo eyakuti kwisininzi ibonakale njengo- mmangaliso walemihla. Siyatemba okokuba amafama abotwe ekunga- tiwa lise Mtonjeni akasayikuyingela njengesiposo indawo yokuba ongo Ntsundu naye ati akubonakalanga lutando lukoyo pakati kwabo naba- ntsundu, njengoko ibonakalisa njalo intsingisela yenteto yabo nga- pambi koku. Kodwake okokuba indawo yokushukumisa u Rulumente kwanoluntu, imalatisa kububi obu- zela abantu bakowetu obuvela buve- lile ngokukusa kusayo kwalemihla, ibe iqalele kwi Hotele ka Mrs. THOMSON e Mtonjeni, oko kobona- kala kwingxelo yentlanganiso yo Mgqibelo weveki engapaya kwedluleyo ekwati emva kwenteto yenya- nga ngokwesiko ngu Mr. LANDREY ngobuze nokungabini kwaba Ntsundu, edla ngokwanezwa yinteto epoli leyo nenesihlahla ka Mr. COOPER, kwenziwa isigqibo ngamxelomnye sokuba " Umonga- meli azise ku Rulumente ukuba nge- nxa yokutshabalala kwezilimo zom- bona namaziinba kwelicala kuyabo- nakala ukuba abantsundu bezelwa yindlala."

Elinyatelo linje lide liqalele ku- mafama abanye bayakulikangelela ukuba libangelwe luluvo lokuzigci- na yena umntu ngokwake, uluvo olwalilalake olo luyintloko emve- lweni yasebuntwini. Ukantike noko into leyo yona ayibushukumisi ubu- me abakubo abantu aba, kuvo yonke longxelo ektingeko nto kungatiwa noko ide yagqitiswa ukuxelwa.

Kusemhlotsheni ukuba u Rulumente uya kwalata ebuzeni bengxowa yoluntu aze atike akananto anganceda ngayo; kodwa bona abantu abablalelwe yincuka emnyango bo- beta nangenjanina intonga; sivume- lana no Mr. COOPER ukuba " ukuba u Rulumente unokucitela emboni- swreni amawaka alisbumi elinesihlanu leponti (£l',000) makabe angaba nalo neqinga lokukulula kulengci- nezelo."

U Rulumente akacelwa kuba ancede abantu abangamavila, ababuvila bunjengala nkwenkwe ye- bali yayinqena nokuma itate isiki- speni eyayipiwa linene elitile koke yanga lingayifaka ngokwala enxo- weni yalo. " Mininzi yona imisebenzi enokuvuswa," ude wanyanzelisa u Mr. COOPER, ukutsho, ° enjengo- " kutyalwa kwemiti nokumbiwa " kwamadam engaqeshelwa ama- " doda ukuze abe nokufumana imali " bapile." Akuko mntu unga b£- ngafumane bancedwe nje benge- nzinto. Siyakolwa ukuba u Rulu- mente woyicinga nzulu lendawo. Kukuqondana kwetu tina okunci- nane umsebenzi ka Rulumente ongumzali asikukukangela kupela ekubeni azi uyalahlekelwa azi uya- ngenelwa sinina ngamaxesha anzi- ma anje. Koko siti tina u Rulu- mente ngelengakalazi okokuba ku- bonakala indleko ngakuye kuba zixela ubume belizwe. Nokokuba u Mgcini-Ndyebo Yakomkulu ute wapumelela ekubeni nento ayinge- nisayo kulonxowa kumalinga ake amakulu, lonto ayikuba luto elu- ntwini xa indlala nengcinezelo ziza- lise ilizwe.

Ikwalituba neli lokubonisa kwa- ba ntsundu isiqamo sokuba bezinto ezimana zilele ecaleni kwentango nangase zinkantini, endaweni yoku- ba babe bayazisebenzelabeziqwebela into eyoba luncedo kumaxesba ezayo angazekiyo.

Siva ukuba kuko izityalo ezino- kukula zibuye zivutwe kwi veki ezintandatu; okukuba ingaba kuyi- nene nangapandle kokubana ade agabadele ayile u Rulumente ube- fanele ukubazisela ezombewu zolo- hlobo ababantu. Eli kananjalo iselixesha lokutyala imbewu zasebu- sika ozitapile, abebefaneleke abantu ukuzityala kakulu. Ukaloku bapu- mela kwingxingwa ezoyikisayo, ekungovuyokazi olukulu esitelela kubahlobo betu amafama ukuyaneka lendawo pambi ko Rulumente noluntu.

Amanqaku.

SIVA kwi *Frontier Guardian* ipepa lase Dodoloro, ukuba kulungiselelwa ukuba ku- qalwe isebe le Empire League e-Batenjini, apoke kulindelwe ukuba yoba ngamakulu abamnyama abaya kuba ngamalungu. Ngo- kumayelana nokuba i Empire League itwa- tyululelwe pakati kwaba ntsundu nabo, u- Mr. Advocate Innes M.L.A. okwakubalelwe kuve ukuva ukuba lonto inokwenziwana, ufika ati ukupendula, " Ngokumayelana na- londawo ndingasuka nditi ukupendula,— kokwam ukubona andazi bantu bagqite aba ntsundu balapa e-South Africa, bebefanele ukomeleza impembelelo yolaulo Iwase Mangesini, ndayeke ndiyakulindela ukubona into eninzi yamalungu antsundu ezibandaka- nya kolumanyano." Onke amadoda angaba- ntu abapolileyo akanakuba angavumelani nenteto yelinene lilumkileyo.

KUYAVUYISA kanye kuti ukubona ukuba kungoku amehlo abarwebi ayaqala ukuvule- ka uknba babone ukuba kungoku aba ntsu- ndu bazimisele ekubeni bangafumna baneli- seke yimpahlana apa epantsi kunene ebeku- sekumana ukutiwa " Yimpahla yama Xosa " kodwa ngoku nabo bafuna ezozinto ezifune- kayo kubantu abakanyiselweyo. Umsebenzi wepepa lase Monti i *Dispatch* ose Batenjini ubala esingisa kuba Rwebi ati " Abantsundu apa bayacaca, ndinomyalelo apa wokokuba ndifune amapepa okunanyateliswa eludonge- ni nengubo zefenstile ze lace ne bedi eziba- nzi kanye zona. Ukuba bahambisa ngolu- hlobo kuya kufuueka nivule isebe lazo ezizinto apa." Ukuyaneza lenteto singasuka siti tina bona aba ntsundu bayaqubela pambili nto seyingabarwebi ngokwabo ukuba bavisi- sane nabo.

UKUPENDULA inteto yetu emayelana noku- valelwa kwe Toliki ezi ntsundu ebikuleveki idluleyo, lenjenje ipepa lakwa Komani i *Free Press* ukupendula:—

Uluvo olukoyo apa lolokuba kumaxesha amaninzi idla ngokuti itoliki entsundu itete into engeyiyo ekutetwa yona, ngokufuna nje ukulahlekisa ngaborn. Siyishiya naleyo inda- wo, bambalwa abantsundu abasazi ngokwa. neleyo Isingesi, ukuba babe nokusa ngokuze- leyo isi Xosa esi Ngesini umhlaumbi isi Nge- si esi Xoseni. Kulunge ngapezulu ukuba imantyi ifumane inteto njengoko ipuma emntwini, iyifumane kwitoliki emhlope ku- natnatyeba amahle enteto yesi Xosa enike- lwa seleteta enye into yitoliki entsundu ku- ba inecala esizela nevana nalo. Namayela- na nasezintweni zaselulaulweni kukwako ingozi ekubeni kumiswe itoliki ezintsundu. Ukuba bonke bebenjengo Tiyo Soga, Charles

Mdana, b Powells 4
Msengana, c Somar, bPowell ... 6
Ross, c Dolly, b Abdula 24
Pezisa, b Abdula 1
Christian, c Joie, b Powells..... 2
Moli, b Abdula..... 0
Bopi, c At rias 15
Ngqina, run out 2
Ciliwe, b Abdula 1
Mabope, b do 3
Xiniwe, not out.....2
Extras.....10

74

" STAR OF VENICE " C. C.

1ST. INNINGS.

Somar, (Capt) 1 b w b Pezisa ... 0
Chimie, c Pezisa, b Ross 0
Potgieter, b do 0
Atrias. b Pezisa 2
Powells, run out 12
Landers, b Ross 3
Dolly, b do 0
Hendricks, b do 0
Jole, run out 0
Samuels, c and b Ross 0
Abdula, not out.....8
Extras..... 7

repeated exaggerated in the

The Government will probably point to the empty condition of the public purse, and plead inability to assist, but people having wolves at their doors will naturally make use of any stick, and concur with Mr. COOPER that "if the Government " could give £15,000 towards an ex- " hibition they could do something "to relieve the distress." Gov- ernment is not asked to assist a lot of people lying idle after the fashion of the proverbial boy who was too lazy to get up to take the sixpence handed to him by a gentle- man, but would have the gentleman put it in his pocket for him. " There " were many reproductive works," Mr. COOPER rightly observed, " such " as dam-making and tree-planting " that would offer work to the men " so that they might live." No- body would have them relieved without working.

We trust the Government will take this matter into its most serious consideration. In our humble com-prehension the work of a paternal Government does not begin and end with purely administrative work, of which the making of a good balance-sheet is of supreme import- ance in these hard times. We take it that Government should not com- plain if its balance sheet should serve the ends of a weather- gauge to represent the true condi- tion of the country. And even should the Treasurer of the Colony, after his efforts at hoarding, suc- ceed in striking a balance to the good, it will be meaningless to the public in general while famine and distress stalk through the land.

This opportunity might be utilized in pointing out to the Natives the consequences of sauntering about kraals and canteens while they should be hard at work and laying something by for the uncertain future. We understand that there are cereals that would grow and be ready for use in six weeks; if so, Government might, without going beyond its legitimate functions, as-certain the reality of this fact and introduce such grain among the people. This, moreover, is the right month for planting winter crops of potatoes, and the people might be encouraged to plant these in abun- dance. At present they are in dire straits, and we gladly join our far-mer friends in bringing the matter to the attention of the Government and the public.

Editorial Notes.

Pamla no John Tengo-Jabavu ngesingati lu- to, kodwake kuko nenye indlela. Kawutate **mhlaumbi** i Ofisi yase Xesi kwa Kama uka- ngele itoliki yabo u-Edmund Sandile nenko- hlakalo yake kwa Matole. Nakufupi apa bo kunakona. Kwake kweyase **Qonce** kwako itoliki apa abati ngu U'mhala, ekwati nge- mfazwe ka Ngca-Yeoibi elitshivela lingento lafumaneka lisenza amacebo nondiyalwa lada laya lakutshwa ngamapolisa. Sake nati apa e Komani sakwanenye into yolohlobo. Kwehla into ivela e Kamastone yeza kuba yitoliki apa, yafunyanwa ngu Mr. Hemming, obeke eyimantyi apa, ngoku oyimantyi e- Qonce, isenza amacebo okuvusa u-Stokwe Tyali. **Ekungekuba** ukuba yayingengnye u-Mr. Hemming elobadnbadu lenkohliso lada lenza ukuba kuhle inkatazo ezingapezulu kwezo lazenzayo. Ngokomntu wonke ke xa seke sabona into zoluhlobo zisenziwa zezito- liki zintsundu, esingatshoyo ukuti azingabo abantu abawutobeleyo umteto ngamanye amaxesha, nokoke abanakutenjwa ngamaxa **wesipitipiti**. U-Komani kanye umi kufupi

nalowo zimana ziba nezipitipiti ekinge-

nokuseke umsebenzi wolohlobo kubantu enzi macebo asemfihlekweni, amaka- be apuma kuzo zonke ezindawo zinezitoliki zimnyama ziseburwada nasemfundweni. Asitaho ukuti ulunge ngendlela zonke omhlo- pe, unokoke silanda ukubona imisebenzi yo- uhlobo inabantu abangasayi kwenza ndlela zokuwalahlekisa amatyala, abangasayi kuti kananjalo ngamaxesha ezipitipiti bawangca- 4she amacebo awenziwa kwezondawo base- benza kuzo.

UMHLOBO wetu okwa Komani ubadule wa-badula wada wabonakala eza knkankanya negama lika Mr. Nathanael Cyrill U'mhalla, wada wambiza ngamagama amabi. Maye- lana naye singasuka kupela sitabate amazwi kamfi u-Sir Bartie Frere, yenake engetyolwe nangokuba kutiwa wenziwa kuba ezinikele kwaba Ntsundu, utike yena okwake ukuteta ngalendawo, ide pofu i *Free Press* yati ukuteta oku ngayo yanga inandawo iqamele ngayo:

U-Nathanael U'mhalla, ozalana no Sandi- le yena yayingnmfo owahlukileyo [kuno Edmund Sandile. Wafumana ubulumnko obukulu kuyise inkosi yakwa Ndlambe, ebi- ngumvusi nomniki macebo kwimfazwe zama Xosa **zangapambili** nango **Nongqause**. Waye fundiswe kakuhle kanye, wayeke eyitoliki kwi Ofisi ye Mantyi e-Qonce, umsebenzi lowo wokutolika, omkulu pofu nhlaulelwa kakubi. Wati akuba umkuluwa wake n-MacKinnon U-mhalla **engavumanga nkubuyela** kwa Gcaleka **kunye** no Mapassa, koko wasuka wabalekela kwa Ngqika, nanko u-Nathanael esiya ehlatini *ukuya. kumzama ukuba* ***abuye,*** zaye nencwadi zake, enye yazo eyatunyelwa ngapambili, ixela ngenqubo ka Makinana iya kubonisa oko bunjalo ubunzulu be mfu- ndo ye Singesi anayo. Abanye bes'zwe sa- ke babepakati kweqela elabulala u-Ntenteni, eyati inxenye yencwadi zika Nathanael zesi Xosa zafunyanwa kwindlu yesibonda esitile ekulapo yayite inxenye yamadoda awayeka- lazelwa ukuba apakati kwafomdovu welotya- la, abalekela kona. Ezincwadini zona ngo- Ikwazo kwakungeko nto yona yayilingene ityala, nakuba wati entetweni yazo wateta njenge Nkosi endaweni yokuteta ngokwesi- caka sika Rulumente, kodwake kususela oko u-Nathanael wasoloko eranelwa ngabo bebe- fudula bezihlobo zake, wadake wapuma emsebenzini wake apo.

SIYAYIBONA tina le " Nkwalambesi mehlo" siyenziwa ngolombali ukwa Komani epepeni lake, yenziwa nakwabanye bakowetu. Si- nga singake sibuze i *Free Press* okokuba yo- na icinga **okokuba kanene** lenteto yayo iya* nelisana, **okokuba** abona bantu kupela bave- lisiweyo yimfundo nabubu fcrestu ngaba ba- tatu ibabalileyona ? Umayibeke **kanti** i *Free Press* **ayikangeli kona ekwazini** nasekubeni **nako kwoyitoliki**, *koko* ikangela ngecala lase-lulaulweni, **okwangoku**, ekumnandi kuti ukuba siti, isiyinto enjengombono **njeko- dwa**. Into etetwa siti tina kukuba amadoda afanelekileyo apumelele uviwo olumisiweyo esi Xoseni, avulelwe indawo zokuba atolike ukuze nako Ntsundu siti isigwebo siwe sivakale ngokuhlambululekileyo nca. Kwaye kunjalonje sicgakuboni nkwalamana okukoyo pakati kokuba yitoliki e-Xesi kuka Mr. **Ed- mund** Sandile nokuya kwake ehlatini.

Impawana.

Siyakolwa ukuba isininzi, ukuba asi- ngabo bonke abafundi betu, soba sisayi- kumbulainteto eyakayabonakala kumhla- ti wa Manqaku ngokusingisele kwi Hotele ezise zindleleni. Bokumbula abafundi betu ukuba sakankanya into esekumzuzu ibakalisa abantsundu eyenziwayo kwezi 'hotele, yokuba uti kanti noko unyanzelwa kwelakitshi nje, kwaye nokutya okufuma- nayo kungelomo nokuba lorn' oku kokufu- nyanwa ngomhlope, ibe yona imali **oli- ndelwe** ukuba uyirole ikwangangaleyo **akupe** yona omhlope, obeqikaqikeka **ebo- mvu** yena, xa wena ube uselunga ungade **ugqibe** nalomula ngenxa yobushushu **no- kuxhasana** kwalomngxuma wehodi okuwo. Lenletoke amapepa ayitabatele pezulu ngokukodwa wona amoya mbi ngakontsu-ndu, ebonisa ukuba lise le ixa angade ontsundu aye kuhlaliswa ndawonye no mhlope; lide liti Iona elase Monti ngesi- libulela nelo kitshi sisenetamsanqa loku- lingena. Ayisotusanga tina inteto volo- luhlobo kuba besesihleli siyiva kakade, kodwake noko kuyasanelisa ukuba sazi ukuba namhla bayakwazi ukuba indawo **zoluhlobo** sizite nqokoqo sizikangele. Ngapezulu sivuyiswa kubona umoya **omhle** awayitabata ngawo amanye.

***

Kuti kwakuba kunje tina sisuke sive ukuba kusifanele ukubuya sipinde senze ujntyangampo kurnzi wakowetu wokuba kubeko indawo ezilungiswayo ngaba ntsundu ngokwabo, bezilungisela indwayi za- kowabo ezibetwe ngomalanga nazindlala ezindleleni, layeko ilinga elinjalo ukuqala belingalingwa kwimizi emikulu enjengo- ina Bayi, oina Qonce noma Komani. Oku kokwetu tina sinenkolo yokuba angati umntenze ilinga elinjalo, nokubana uke wanga uyalahlekelwa ekuqaleni, ekugqi- beleni abuyiselwe kalishumi. Kodwake kungafuneka kulungiswe indawo ezifane- lekileyo.

***

Kokwetu ukuqonda akukazanga kwaba- ko hotele **ifanelwe** nalelogama yenziwa zngabamnyama isenzelwa amawabo. Si-ngeva kusitiwa unantsi wasekutini une- hotele sekusuke tina kufike ezingqondwe- ni zetu umfanekiso wendlu emdaka exi- neneyo ongaxeli nto, angenakuyingena umntu osenomoya wokuzidla ngobuntu bake. Xa siti makubeko ihotele zabantu abantsundu asiteti izindlu ezinjalo. Bako abantu abakululekileyo abazama uKunyuka abangarola nantonina ukuba balungiselwe ukudla nendawo yokulala. Siteta ngesi- kwaziyo neseke sanamava ako apa e-Qo- nce, esaziyo ukuba abahlobo abase Bayi nabase Rini baya kusivumela. Ababantu bakululekileyo sebesuke bancatame kuba- hlobo babo abase zidolopini xa bangene ezixekweni, zabeke ezizihlobo sezakolwa yeyekosa zindwendwe, zibandezelekile nazo njengokuba abantu bedolopu bahla- la benjalo. Ekuwaqondeni tina amanani endwendwe angayihlaula indoda xa imise indlu efanelekileyo enendawo zokulala. Amadoda anentloko afuna elona tuba lo-kungenisa amaceba angake ayicinge lenda- wo.

***

Angati umntu eke wahamba pakati kwa- ma Jelimani, ngoku linje ukubalela, anga- fumani kumangaliswa kodwa luhlobo lo- kuxatisa okuxatise ngako ukutya kwawo kulamalanga anje, koko angati wumbi afunde isifundo. Lamabandla angama Jelimani ayaziwa nangongadanga abe uke wahlalelana nawo, ukuba ngamadoda, abafo abakwaziyo ukusebenzana nomhla- ba, esingade siti ngakwelocala kona aya- wakupa na Mangesi. Kuhleliwenje tina bake baba namalungelo okubona, siteleki- se ukudla kwalamabandla nokwaba ntsu- ndu, asiwuhlanganisi umlomo. Yinto ekuti pofu kumlanjeni mnye, masiti ntili- ni nye, uze pofu uti wakukangela ubone isahlukokazi esikulu, uti wakupos' ame- hlo wakukangela kokwama Jelimani utike kusuke kwasisibikibiki inzongonzongo into enmyama, ode uti **ukufuna** entlizi- iyweni, mayibe kuyancenceshelwa ngo-mjelo, kanti **hayi**. Uze uti kaloku waku- kangela kokom' Africa wakowenu utike ubone intsalubana, intwana ezinganele kuti sa ukupuma, utike kwinto esezishwe- nca **zashiwenca**, obonayo nawe ukuba aku- seko temba lani, mhlaumbi utike ezinye sezitshabalala impela

*** N *

He! Kunganinake lento isahluko siba ngaka pofunje ababantu belime mhlabeni mnye? Kuti kwakuba kuvuke lombuzo pakati kwetu sibone tina ukuba okwenene kusafuneka okuninzi okufundiweyo nga- bantu bakowetu. (1) Kufuneka inkutalo yokukwazi ukusebenzana nomhlaba, inge- yiyo into enjengale yenziwa ngamakowe- tu, njengokwenteto **ka** Tand' Uhlanga ati, ikuba yinto **esuka** ibanjiswe abantwana endaweni **yokuba** umhiaba usetyenzwe ngolufezekileyo ngabantu abakulu ngo- kwabo, into enkulu ingabi **kukumana** ku-tiwe qikili ngemihlana emitunzini kuli- ndwe ikofu nesitabataba. (2) Kufuneka njengoko watshoyo kuba Tembu umfo ka Levey, kufundwe nentlobo zembewu zo- kulinywa, ingabiyiyo lento yokuti kanti **kusoloko** kwatini intsimi le yahlwayelwa imbewu yombona kupela, kungenjalo amazimba. Konake nokubana **umhlaba** ube uselulunge ngalupina uhlobo, ubu-ngede uputena kukuba kube kusoloko wa- tiwa **jokolo** ngaluhlobo lunye Iwembewu ? Lamalanga akwaba augaba awufundise isifundo nonyaka umzi ontsundu. Enye into einayinyayekelwe ngabalimi kukuba bagcine imbewu elungileyo. Eyona mbewu iyenkozo zinkulu emboneni. Indwayana apa zenkozo aziniki kakuhle zenza umbona ongakangelekiyo. Into eyakubanceda abantu bakowetu **kukuti** xa balimayo bawulime kakuhle umhiaba, oku kufuna inyameko engepi. Xa kuli- nywayo kunanina kungasekulinyisiswa, kuyekwe ukukohlisa. Kanjalo mayihle- lwe kakuhle imbewu ? Oku kwenziwe ku- ya kubahlaula abantu ekupeleni ngokuve- lisa amaxabiso afanelekileyo ezindaweni zemisito.

***

Iqela lamadodana ase Lovedale lale club kutiwa yi Brotherly Unity C. C., eyevabasebenzi, ngo Mgqibelo odluleyo liqubisene neyabamhlope base Alice i- Victoria C. C. Uti owakona kwaqubisana shushu kanye ngohlobo lokuba ikumhla lomadoda adibanayo. Qolokoto, enge- ne kuqala amagwangqa apuma ne 32 ; yangena imidaka yatsho yapuma ne 85. Kumangeno esibini ange angaqunu- qunuza amagwangqa, koko havi, asinto into ka Mzimasi neka **Xinishe** sikolwake zaw'avuma, abonakala epuma ne 49 kupe- la. Yaba **iyacitakala** njalo impi. **Emnka** njalo nelozenene amagwangqa, edliwe nge 4 runs ne 11 wipKets ipela. Si- saKangele Kambe maKaba uKuba KO- da Kuti Kupi, Kutinina. Yangamana KU- ngajoKa ibe yilonto.

V

Abafundi bamapepa Amangesi boku- mbula ukuba amapolisa ake anexa ate ahlalelwa ngentlamba, kusitiwa ayanqena ubuko bawo abuncedi nento lek ubak ubiwa noko akoyo. Inxenye ke yamapepa noko ibingecala lamapolisa yona isiti noko inko- liso yalempahla kutiwa iyebiwa yelahle- kayo, angegxekwa nganto e ngoko amapo- lisa. *I-Cape Mercury* ibalisa ngento eyenze ke kwakuzo eziveki. ibonisa ukuba amala-ma akasayifuni nokuyifuna oku impahla yawo.koko selesuke ati umntu yakuti shwa- ka into yake nanko seletsala emapoliseni eyakuti nampa okafile bebe okutile noku- tile, noko angayifumananganje lonto. Iti ke ngamhla utile kwafika ingxelo emapo- liseni yokuba u-Sitileshe wasekutini ula- hlekwe yinkunzi nemazi zombini zenko- mo ekuntsuku mbini zibiwe. Koko ite inkosana yamapolisa yona ayadvuduzela yakangela kumaqela **empahla** ekwizikiti zendawo ngendawo, kanti ezinkomo sezi-nenyanga ziseskiti kufupi kanye kwifama ka Sitileshe lowo. Kubanjeke ngalempahla kutiwa iyabiwa.

***

